## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMABINI:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: Izincoko | | (50) |
| ICANDELO B: Imihlathi | (2 x 25) | (50) |

**QAPHELA**: Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule imibuzo emiBINI kwiCANDELO B.

2. Phendula umbuzo ube MNYE kwiCANDELO A, kunye nemibuzo emiBINI kwiCANDELO B.

3. Bhala ngesiXhosa esamkelekileyo nesichanekileyo.

4. Qala ICANDELO ngalinye kwiphepha ELITSHA.

5. Kunyanzelekile ukuba uyile (usebenzisa isazobe/itshati ebonisa ukuthungelana kweziganeko/amagama angundoqo, njl.njl.), uhlele uze uwufundisise umsebenzi wakho. Qala ngoyilo PHAMBI kokuba ubhale izincoko nemihlathi.

6. Lonke uyilo maluphawulwe ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlayo kuyilo lonke.

7. Uyacetyiswa ukuba ulabe ixesha ngolu hlobo:

   ICANDELO A: Malunga nemizuzu engama-80
   ICANDELO B: Malunga nemizuzu engama-70 (2 x 35)

8. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

9. Masingathathelwa ngqalelo isihloko xa kubalwa inani lamagama.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

EcoleBooks



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



## ICANDELO A: IZINCOKO

### UMBUZO 1

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso. Bhala amagama angama-340–390.

1.1 Izikhubekiso zindenze ndangulo mntu ndinguye **[50]**

1.2 Ushishino lusisisombululo sentswelo msebenzi. **[50]**

1.3 Ukukhululwa kwamabanjwa entolongweni phambi kwexesha. **[50]**

1.4 Inkovu iphuma ethangeni. **[50]**

1.5 Ubomi emva kwebanga leshumi elinambini. **[50]**

1.6 Ukulunga nokungalungi kokufunda izifundo ngolwimi lwesiXhosa. **[50]**

1.7 Qwalasela le mifanekiso ingezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo.

1.7.1



[Ucatshulwe kwi-intanethi: www.images.com waza wahlelwa] **[50]**

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



## ICANDELO B: IMIHLATHI

Khetha imihlathi ibe MIBINI kule ilandelayo uze ubhale ngayo. Bhala amagama ali-100−120 (umxholo kuphela).

### UMBUZO 2

2.1 **ILETA YASEBURHULUMENTENI**

Bhalela uMphathiswa wezeMfundo wephondo lakho ucele ukuba kupheliswe iinkampu ezenzelwe ukwazana kwabafundi abatsha ezikolweni. **[25]**

2.2 **IRIVYU**

Bhala irivyu yencwadi obe uyifundile. **[25]**

2.3 **I-OBHITSHUWARI**

Bhala i-obhitshuwari yemvumi oyaziyo. **[25]**

2.4 **INTETHO ESESIKWENI**

Bhala intetho esesikweni oza kuyenza kumsitho wosuku lootata enkonzweni yakho. **[25]**

2.5 **INGXOXO YABABINI**

ÉcoleBooks

Bhala ingxoxo ephakathi kwegosa lakwaMasipala nomhlali malunga nendima edlalwa nguMasipala. **[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 50**
**AMANQAKU EWONKE: 100**